



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

SEPTEMBER 2016

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA – IPHEPHA 1

AMANQAKU: 70

IXESHA: 2 iiyure



Olu viwo lunamaphepha ali-13.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMATHATHU angala:
ICANDELO A: Uvavanyo lokuqonda (30)
ICANDELO B: Isishwankathelo (10)
ICANDELO C: Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (30)
2. Phendula YONKE imibuzo.
3. Qala iCandelo ngalinye kwiphepha ELITSHA.
4. Krwela umgca ekupheleni KWECANDELO NGALINYE.
5. Nombola iimpendulo zakho kanye ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kweli phepha lemibuzo.
6. Shiya umgca emva kwempendulo nganye ukuze umsebenzi wakho ungaxinani.
7. Qwalasela ngeliso elibukhali upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.
8. Yaba ixesha lakho ngolu hlobo:
ICANDELO A: Imizuzu engama-50
ICANDELO B: Imizuzu engama-30
ICANDELO C: Imizuzu engama-40
9. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA**UMBUZO 1**

1.1 Funda esi sicutshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA A**EGUMBINI LOVIWO**

- 1 Imin'ifikile, imin'ekad'ixelwa, iintsuku ezimbalwa eziginya imihla emininzi. Le yimini yokuqala yeemviwo zokuphela konyaka. Egumbini loviwo zonke izinto zicwangciswe kakuhle. Iidesika zikrele kakuhle zashiya izithuba ukuze kube lula ukungena nokuphuma phakathi kwazo. Amaqhaga e-inki angamabini ezidesikeni, alatha ukuba nabantwana baza kuhlala ngababini banikane izithuba ezaneleyo ukuze kungabikho kulunguza komnye ephepheni lomnye. Etafileni yoMongameli-luviwo kwandlalwe ilaphu elimhlophe elikhrotshwe ngobugcisa obungummangaliso. Esazulwini setafile kubekwe ivazi eneentyatyambo ezivumba limnandi. Iifestile zigengiwe kuheleza umoya ukuze kungabikho mntu wozelayo nodubeka ingqondo ngenxa yesifuthu-futhu. Ikhabhathi eneencwadi namaphepha amiswe kakuhle ivuliwe ukuze uMongameli-luviwo angaxakeki xa kukho into ayifunayo, kuba kaloku utitshala akazi kubakho kweli gumbi xa abantwana babhalayo.
- 2 Intsimbi ibethile, bangena abantwana bengenzi ngxolo, neetitshala zangena noMongameli-luviwo sel'ekho. Uthe utitshala ophetheyo akuthi, "Masithandaze", yalitsho iculo ngelizwi elimpongampo intombazana ekucace ukuba yintlabeli yesi sikolo, balithatha abanye batsho ngentsholo emnandi, baya bee tya. Utitshala ufunde isicutshulwa seBhayibhile ekucace ukuba sikhethelwe le mini kuba kukho nendawo ethi, "Uncedo lwethu luseGameni leNkosi, uMenzi weZulu nomhlaba." Emva kwesifundo utitshala uye wawubeka umthandazo ochukumisa kunene, ebika aba bantwana kuSomandla, ebika nabakwezinye izikolo abaphezu kokubhala ezabo iimviwo kwangalo eli xesha. Uthe esithi "Amen", yabe laa ntombazana iwuthi hlasi uMthandazo weNkosi kwangelo lizwi limnandi, yalandelisa ngoDumo.
- 3 Ithe igqitywa le nkonzwana kwaba sekusele imizuzu emihlanu phambi kokuba kubhalwe, waza ke utitshala wabanika amaphepha okubhala, sel'ebhaliwe kakade amagama abantwana besikolo kwa nesikolo. Uthe akugqiba wee khwitshi. UMongameli-luviwo ubakhumbuze abantwana iindawana-ndawana azithunyiweyo malunga noviwo olu, waza wayiqhaqha imvulophu yemibuzo wababela wathi, "Bhalani." Ibe ngulowo waqubuda ephepheni kungekho kuthetha, kurhashaza iphepha lodwa.

- 4 Kwalile emzuzwini wavakala uMongameli-luviwo esithi, “Half time”, ebaxelela ke ngoko ukuba isiqingatha sexesha labo siphelile. Amava akhe amxelela ukuba kwesi siqingatha sokuqala wonke umntwana ufincelela awakhe amandla nolwakhe ulwazi. Kukwesi sesibini isiqingatha sexesha apho uSathana afika ngamandla kwabase bephelele, ababonise iindlela zokulunguza abanokuthi baphumelele ngazo. Ubonakele ngoku uMongameli-luviwo engenazizinto, esihla enyuka kuloo hola uphakathi kweedesika ephosa iliso ngapha nangapha. Uvakele emzuzwini esithi, “Kusele imizuzu emihlanu.” Ekupheleni kwayo uthe, “Bekani phantsi iintsiba, nisukume.” Ubuzile ebantwaneni, “Niyayazi indlela yokulandelelana kwenu?” Bavuma abantwana esekukudala baqeqeshelwa olu viwo. “Yiza ke B”, uvakele esitsho uMongameli, walinikezela elakhe iphepha uB waya kuphuma emnyango elandelwa ngabanye bewanikezela ngendlela efanayo amaphepha engamxhamliyo uMongameli naxa sel’ewalungisa.
- 5 Bakuba bephume bonke ungene encumile utitshala, wabethwa ngephepha lemibuzo eli belibhalwa. Uye wema phaya walifunda lo gama uMongameli alungisa amaphepha. Akubanga kudala wangena utitshalakazi engcangcazelisa esi sithebe saseMlungwini kuthiwa yitreyi, sinetipoti ekhazimlayo phakathi, nekomityi, nobisi neswekile namaqebengwana. Uyibeke phambi koMongameli, wathi ukulungalungisa watsibela iphepha lemibuzo. Uwe kule treyi kwa oko uMongameli, wathi xa aman’ukuluma ngapha anqwale ekomityini ngapha, wandikhumbuza esemini yetyala leekati ezimbini ezaziphambi komgwebi uSokhetye. Azimnanzanga nganto iititshala kuba zixakeke kweli phepha lemibuzo. Naxa abulelayo ube ngathi akaviwa mntu. Uvakele utitshala esithi, “Hayi noko alilibanga,” wabe noMistress ephuma nezitya.
- 6 Emva kwexeshana ubangenisile utitshala abantwana, kwaqhutywa ngolu hlobo kwada kwaya kufikelelwa kwiphepha lokugqibela laloo mini. Lo msebenzi udubule iintsuku zontathu, ekuthe kusuku lokugqibela bakuba begqibile abantwana ukubhala koko bengekaphumi, uMongameli wabizela iititshala kweli gumbi loviwo. Uncome, wabulela iititshala nabantwana ngoviwo oluthe cwaka olungabanga naziphazamiso. Uye wabanqwenelela impumelelo abantwana, wahambisa ebayala esithi, “Hambani ke bantwana bam niye kwezo ndawo niza kufunda kuzo, nazi ukuba niphethe igama elihle lesi sikolo senu. Ningalithobi ke elo gama ngokwenza izinto eziya kudala iintloni kubalingane benu aba nifunda nabo nasezintshaleni zenu.”

[Sicatshulwe kwincwadi ethi ‘Amavo Amafutshane’ ebhalwe ngu A.Madala, amaphepha 52-54, saze sahlelwa]

- 1.1.1 Yeyiphi le mini kuthethwa ngayo kwesi sicutshulwa? (1)
- 1.1.2 **Yinyani** okanye **asiyonyani** ukuba utitshalakazi uza kubakho egumbini loviwo xa abafundi bebhala. Zixhase ngokucaphula umqolo apha kwisicutshulwa. (2)
- 1.1.3 Xela isizathu sokugengwa kweefestile kweli gumbi loviwo. (1)

- 1.1.4 Isifundo seBhayibhile esithi, “Uncedo lwethu luseGameni leNkosi, uMenzi weZulu nomhlaba.” sinxulumana njani nale mini kuthethwa ngayo kwesi sicatshulwa? (2)
- 1.1.5 Nika intsingiselo yalo mqolo ungezantsi.
‘... yalitsho iculo ngelizwi elimpongampo intombazana ...’ (2)
- 1.1.6 Ucinga ukuba yintoni isizathu esasibangela ukuba nabanye abafundi abakwezinye izikolo babhale ngaxesha linye naba kuthethwa ngabo kwesi sicatshulwa? (2)
- 1.1.7 Chonga ibinzana elibonakalisa ukuba imvulophu yemibuzo yayivaliwe phambi kokuba babhale abafundi. (1)
- 1.1.8 Ngokolwakho ulwazi zeziphi iindlela zokuphumelela uSathana athi azibonise abafundi. Xela zibe mbini. (2)
- 1.1.9 Ingaba ezi ndlela zokuphumelela zikhankanywe ku-1.8 ngasentla ziyamakha umfundi othe wazisebenzisa? Cacisa (2)
- 1.1.10 Ukutsibela iphepha kukatitshalakazi kubonakalisa ukuba:
A Wayedikiwe lilo
B Wayenomdla kulo
C Akanambeko
D Wayeza kuliphendula (1)
- 1.1.11 Sebenzisa igama, ‘iintsiba’ kwisivakalisi esiphuhlileyo sinike intsingiselo eyahlukileyo kule ikwesi sivakalisi silandelayo.
“Bekani iintsiba, nisukume” (1)
- 1.1.12 Yintoni eyabangela ukuba iititshala zingamva uMongameli-luviwo xa abulelayo? (1)
- 1.1.13 Uthetha ukuthini utitshala xa esithi iphepha alilibanga? (2)
- 1.1.14 Isimamva esibhalwe ngqindilili kwigama ‘kwexeshana’ sibonakalisa ntoni? (1)
- 1.1.15 Ucinga ukuba iziyalo ezithi zinikwe ngabadala ziba nafuthe lini kubantu abatsha? (2)

(2)
[23]

ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO

1.2 Phendula imibuzo esekwe kulo mfanekiso ingezantsi:



[Uthatyathwe kwi-intanethi www.shutterstock.com]

- 1.2.1 Kwenzeka ntoni kulo mfanekiso? (1)
- 1.2.2 Bavakalelwa njani aba bantu bakulo mfanekiso? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 1.2.3 Xela ukuba isicatshulwa A sifana ngantoni nomfanekiso oku-B. Ziphinde zahluke ngantoni? (2)
- 1.2.4 Ingaba wena unqwenela ukuba ngabafundi abakwiscatshulwa A okanye kumfanekiso oku-B?. Cacisa. (2)

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: ISISHWANKATHELO**UMBUZO 2****ISICATSHULWA C**

- Funda ngocoselelo esi sicutshulwa singezantsi uze ushwankathele ngamazwi akho ungacaphuli kwitekisi.
- Impendulo yakho mayingadluli kumagama angama-70.
- Shwankathela **ngokomhlathi kuphela**. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo kwizibiyeli.
- Iingongoma zakho mazibe-7 (7)
- Akulindelekanga ukuba ubhale isihloko sesishwankathelo.
- Qaphela indlela echanekileyo yokusetyenziswa kolwimi, iimpawu zobhalo nococeko. (3)

KUSHIYWANA NGOTYEFEZO

- 1 Kufanelekile kaloku ukuba kube lixhaphetshu, kuxakekwe kwezemfundo kuba alikho ilifa elibaluleke njengemfundo. Eli lifa alikhethe bani, libathatha ngokufanayo abantu. Engumntwana wesityebi okanye ihlwempu, kweli lifa bayalingana yaye akukho uza kodlulwa ngomnye ngenxa yemvelaphi yakhe, koko uya kuzodlulela ngenxa yomxhino wakhe.
- 2 Wakukhangela ezikolweni zabantwana abancinane, ufika kuxakekiwe ngabazali kude kuhambe unyaka kufunelwa abantwana izikolo. Kwezinye iindawo kuqalwa izikolo ezitsha ngenxa yokwanda kwenani labantwana ezikolweni, zimbi zide zivulwe naphakathi enyakeni. Abazali batshintsha-tshintsha iintsana zabo bazisa kwezinye izikolo kuba befuna imfundo echanekileyo.
- 3 Kwizikolo eziphakamileyo kuzele qhu, amagumbi okufundela ami ngeembambo. Wofumanisa ukuba kubuya nabo babesishiye ngopewula isikolo, abanye sele bengabazali abanemizi yabo abaye babona ukuba kolunga ukuba babuyele esikolweni kwakhona. Andisathethi ngemeko yasezikholejini nasemayunivesithi apho kude kusweleke neendawo zokuhlala nezokufundela ngenxa yobuninzi babantu abanxanelwe imfundo. Kwakhiwa izakhiwo ezitsha, kwandiswa nezo bezikho, kodwa akukho nto icacayo mpela. Kuveliswa amacandelo amatsha emfundo ukuzama ukonelisa imfundo nemiqweni yabantu.

- 4 Avela ngokuvela amaziko emfundo yabucala. Kukho leyo ibizwa ngokuba yeyabadala eqala kumabanga aseprayimari ukuya kweleshumi, ikho leyo yembalelwano, ikho leyo yenziwa ziinkampani ngeenkampani ethi ibe namaxesha athile evekini okufundisa abantu ngezinto ezithile ezifana nokufundela ukuba ngumabhalane, ukuba ngusochwepheshe kwezokubala, ezekhompuyutha nezinye ke. Ungajonga kuzo zonke iindidi zabantu ezikwimisebenzi ngemisebenzi, uya kufumanisa into yokuba bonke baxakekile bazamana nemfundo engcono kunaleyo babefudula benayo. Yiya kubongikazi, oogqirha, nabomthetho wofika bonke bexakekile befunda beqhubela phambili. Oosomashishini bethu bayazama ukufunda ngeendlela zokutsala abantu ukuze baxume amashishini abo.
- 5 Akukho nto ingenaziphumo zihle nezibi. Sele sizibona ezihle kwabo bathe baphumelela kumalinge abo, bafumana imisebenzi emihle, bafumana unyuselo emisebenzini, benza izinto ezintle zokwakha isizwe. Zikho nezibi iziphumo zokumonelana ngemisebenzi nangezikhundla, uchuku, amayelenqe, kunye nokubulalana. Phofu ke yonke lo nto ibangelwa kukunqaba kwemisebenzi.

[Sicatshulwe kwincwadi ethi 'Amaqhekezana ethu' ebhalwe nguN.V. Mkonto, amaphepha 1-5, saze sahlelwa]

AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI**UMBUZO 3: UKUCAZULULA ISIBHENGEZO-NTENGISO****ISICATSHULWA D**

Funda esi sibhengezo singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

SELBORNE COLLEGE

SIGUQULA AMAKHWENKWE ABE NGAMADODA!!!

**Ingaba ufuna ukuba ngumdlali wodumo?
Gxabha-gxabhisa amanani aqingqiwe.**



Zuza ikamva eliyaqambileyo neziphumo ezikumgangatho wehlabathi.

Malunga nendawo yokuhlala kunye nentlawulo?

Qhagamshelana nathi kule dilesi:

Selborne College
Dawson Road
East London

Inombolo: 043-7437746/www.selborne.co.za


[Sicatshulwe kwi-intanethi www.selborne.co.za saze sahlelwa]

- 3.1 Ucinga ukuba kutheni amagama 'Selborne College' ebhalwe ngqindilili kwesi sibhengezo? (1)
- 3.2 Ingaba sithini isizathu sokudwelisa amakhwenkwe phambi kweholo yesikolo kulo mfanekiso? (2)
- 3.3 Chonga isilogani sesi sibhengezo. (1)
- 3.4 Ngawaphi amazwi angakulukhlela ekubeni ufune ukufunda kwesi sikolo? (1)
- 3.5 Gqibezela le ntetho ilandelayo:
Umntu oyinkwenkwe okanye indoda enomfaneleko ibizwa ngokuba li ... (1)

- 3.6 Nika isithetha-ntonye segama elibhalwe ngqindilili kwesi sivakalisi silandelayo:
Qhagamshelana nathi kule dilesi. (1)
- 3.7 Sijoliswe koobani esi sibhengezo? Khetha kwezi mpendulo:
- A Kumakhwenkwe namantombazana
 - B Kumantombazana
 - C Kubafundi abangamakhwenkwe
 - D Kumadoda (1)
- 3.8 Ucinga ukuba kufanelekile ukuba amakhwenkwe abe nezikolo zawo wodwa? Xhasa impendulo yakho. (2)
- [10]**

UMBUZO 4: UKUCAZULULA IKHATHUNI**ISICATSHULWA E**

Kha ujongisise okwenzeka kule khathuni ingezantsi wandule ukuphendula imibuzo esekwe kuyo.



[Le khathuni ithatyathwe kwi-intanethi-www.condenaststore.com, yaze yahlelwa]

- 4.1 Ngowuphi umsebenzi onikwa abafundi kule khathuni? (1)
- 4.2 Chonga isimelabizo kwiqam lesi-2. (1)
- 4.3 Ingaba utitshalakazi unalo ilungelo lokumbetha uTinini xa engafuni kuwenza umsebenzi wesikolo? Zixhase. (2)
- 4.4 Ingingane yomfundi ekwiqam lesi-5 ibonakalisa ntoni ngesimilo sakhe? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 4.5 Guqula le ntetho uyise kwingxelo-ntetho:
UTinini uthi, “Ngelishwa andinaye mna uGawulayo.” (2)
- 4.6 Ngokoluvo lwakho ucinga ukuba ilungile impendulo enikwa nguTinini kwiqam lesi-2? Cacisa. (2)

[10]

UMBUZO 5**ISICATSHULWA F**

Funda lo mhlathana ukule bhokisana ingezantsi wandule ukuphendula imibuzo elandelayo:

Ilali yaseQunu yayithe zinzi kuhle kwintili emxinwa , eshinyeneyo yingca netyakatiweyo ukucandwa oku ziintlanjana nemifulana, phantsi kwezo ntaba ziluhlaza. Yayinabantu abangamawaka mawaka ambalwa ababehlala kwizindlu zasemakhaya ezazingamanqugwala andonga zenziwe ngodaka, kukho intsika yomthi eyayiyiyo ebambe olo phahla lubheke phezulu lufulelwe ngengca. Umgangatho wawenziwe ngesiduli esigutyiweyo, le ndawo kanye ilukhuni iyingqumba ethe gqi ngaphandle kwendlu yeentubi, ekwakusetyenziswa ngokuthe gqolo ubulongo obutsha ukuwusinda ukuze uhlale ugudile. Umsi osuka eziko wawuphuma eluphahleni, yaye intunja ekwakukuphela kwayo yayingumnyango omfutshane kangangokuba kufuneke ukuba umntu athobe xa angena kuwo. Izindlu zazithande ukucukwa ndawonye kummandla ohlala abantu owawumganyana emasimini. Kwakungekho zindlela kuphela kwakukho iindlelana zeenyawo ezazibangelwa kukuxangxatheka kwengca eyayide yaphela kukunyathelwa ngamakhwenkwe nabasetyhini ababetha ngezikaTshiwo. Amakhosikazi nabantwana besi sixeko babesambatha iingubo eziqatywe imbola; kuphela ingamaKrestu ambalwa apha esixekweni awayenxiba iimpahla zakwamLungu. Inkomo, iigusha, iibhokhwe namahashe zazisitya kunye kumadlelo kawonke-wonke. Ilizwe eliphahle iQunu lalithande kuba ngummandla ongenawo nomthi lo ngaphandle kwesigcume seepampuliya (poplars) kwindulana ejongene nelali leyo.

[Sicatshulwe kwincwadi ethi 'Indlela ende eya enkululekweni' ebhalwe nguN.R. Mandela, yaze yaguqulelwa esiXhoseni ngu P.T. Mtuzze, iphepha lesi-7, saze sahlelwa]

- 5.1 Nika isichasi segama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi singezantsi:
Ilali yaseQunu yayithe zinzi kuhle kwintili emxinwa. (1)
- 5.2 Xela ukuba igama elikrwelelwe umgca ngaphantsi lisetyenziswe njani na?
Le ndawo kanye ilukhuni iyingqumba ethe gqi ngaphandle kwendlu yeentubi. (1)
- 5.3 Ingaba isimamva esibhalwe ngqindilili kwigama elikwisivakalisi esingezantsi sibonisa ntoni? (Khetha impendulo echanekileyo) :
Amakhosikazi nabantwana babesambatha iingubo eziqatywe imbola.
- A Isandiso
B Isikhomokazi
C Uzalwano
D Ubukhulu (1)
- 5.4 Kukuthini ukubetha ngezikaTshiwo? (2)

5.5 Xela isigaba sentetho esikrwelelwe umgca ngaphantsi.

Izindlu zazithande ukucukwa ndawonye kummandla ohlala abantu owawumganyana emasimini. (1)

5.6 Guqula esi sivakalisi silandelayo sibe kwixesha langoku.

Umgangatho wawenziwe ngesiduli esigutyiweyo. (1)

5.7 Lungisa isiphene sobhalo esikwesi sivakalisi singezantsi:

YayingamaKrestu ambalwa awayenxiba iimpahla zakwamlungu. (1)

5.8 Hlahlela esi sivakalisi silandelayo ukhuphe igatya eliyintloko negatya lobalulo:

Igatya eliyintloko	
Igatya lobalulo	

Umsi osuka eziko wawuphuma eluphahleni.

(2)
[10]

AMANQAKU ECANDELO C: 30
AMANQAKU EWONKE: 70

